



# Nalibali

It starts with a story...

## Starting a reading club

**So you're inspired to start a reading club? There's no single correct way of doing this. You need to do what is easiest for you because that way you are more likely to be able to keep the club going and growing! Here are some ideas to guide you.**

**Who?** Reading clubs are best run by people who love stories and books and want to help children grow to love stories and reading. You don't have to know a lot about stories yourself – you'll learn about the wonderful world of children's stories by getting involved in a club. Most reading clubs are run by volunteers, so you don't get paid money. Your payment is in the fun you have and the satisfaction that you are making a difference!

**How many?** Decide how many volunteers you can find to help you organise activities at your reading club. Use this to help you decide how many children you can accommodate: five children per adult usually works well. The fewer children you have, the more attention you can give each of them. It's a good idea to start small – even five children with an adult is a reading club. Then you can grow your club over time, if you want to.

**Where?** A reading club can happen anywhere that is quiet and safe – at school, after-care, a library, a community hall or clinic. Start one in someone's house or garage, at Sunday School or your mosque or temple – wherever is easiest for you!

**When?** A reading club can meet anytime that is

convenient. It can last for half an hour, or two hours. It's up to you! Most reading clubs take place once a week. You could meet more, but it shouldn't be less!

**What?** Reading clubs need an open space to meet in. Something to drink and eat is always good, if possible. And cushions and carpets are more comfortable than desks and chairs. But reading can also happen under a tree, lying on the grass, or anywhere else that feels right. Mostly, you need good reading material to keep everyone interested – picture books; novels; information books; poetry; rhymes and songs; newspapers and magazines.

**To register your reading club with the Nalibali network for great benefits, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)**

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Josh

**Stop!**

**If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.**

## Ukuqala iqela elifundayo

**Unomdla wokuqala iqela elifundayo? Akukho ndlela ichanekileyo yokukwenza oku. Kufuneka wenze oko kulula kuwe ngoba ngaloo ndlela unako ukuligcina lisebenza kwaye likhule iqela lakho! Nasi isikhokelo esinokuba luncedo kuwe.**

**Ngubani?** Amaqela afundayo aqhutywa kakuhle ngabantu abathanda amabali neencwadi nabafuna ukunceda abantwana bakhule bewathanda amabali nokufunda. Akukho mfuneko yokuba ube nolwazi oluninzi ngamabali – uza kuzifundela okumangalisayo ngamabali wabantwana ngokuthi uthathe inxaxheba kwiqela elo. Uninzi lwamaqela afundayo aqhutywa ngamavolontiya, ukutsho oko akukho ntlawulo yamali. Umvuzo wakho lulonwabo olufumanayo nokwaneliswa kukwenza utshintsho!

**Bangaphi?** Thatha isigqibo ngenani lamavolontiya onokuwafumana akuncede ngemisetyenzana kwiqela lakho elifundayo. Sebenzisa oku ukuthatha isigqibo ngenani labantwana onokubathatha:

abantwana abahlanu kumntu omdala ngamnye badla ngokusebenza kakuhle. Xa abantwana bembalwa kuba lula ukuthathela ingqalelo umntwana ngamnye. Kuhle ukuqala ngenani elincinci – nabantwana abahlanu kumntu omdala ngamnye liqela elifundayo. Liza kukhula iqela

lakho ngokuyele lihamba ixesha, ukuba uyafuna!

**Phi?** Iqela elifundayo lingenzeka naphi na apho kukho inzolo nokhuseleko – esikolweni, kwindawo yokunakekela abantwana emva kwesikolo, kwithala leencwadi, kwihlo yoluntu okanye ekliniki. Liqale emzini womntu okanye egaraji, kwiSikolo seCawe okanye kwimosko yakho okanye etempileni – naphi na apho kulula khona kuwe!

**Nini?** Iqela elifundayo lingahlanguka nangaliphi na ixesha elililungeleyo. Lisenokuqhuba isiqingatha seyure, okanye iiyure ezimbini. Kuxhomekeke kuwe! Uninzi lwamaqela afundayo ahlala kanye ngeveki. Nisenokuhlangana nangaphezulu koko, kodwa kufuneka kungabikho ngaphantsi koko!

**Intoni?** Iqela elifundayo lidinga indawo evulelekileyo yokudibanela. Ukuba nento eselwayo nedliwayo kuhle, xa imeko ivuma. Imiqamelo nezinto zokwandlala zihlalisa kamnandi kuneedesika nezitulo. Kodwa ukufunda kusenokwenzeka naphantsi komthi, engceni, okanye naphi na apho kulungileyo khona. Okona kubalulekileyo zizinto zokufunda ezisemgangathweni ukugcina wonke umntu enomdla – iincwadi ezinemifanekiso, iinoveli, iincwadi zolwazi, isihobe, iivesi neengoma, amaphepha-ndaba neemagazini.

**Ukubhalisa iqela lakho elifundayo kwiNalibali ukuze lixhamle kokuninzi, ndwendwela le webhusayithi: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)**

**Yima!**

**Ukuba awuyisayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Luse esikolweni, kwiziko, Labahlali, ilayibhrari okanye umntu**

**Win!**

Turn to page 7 to find out how to win a mini-library worth R25 000!

**Wina!**

Tyhila iphepha lesi-7 ukuze ubone ukuba ungayiwina njani na ilayibri encinane exabisa ama-R25 000!


Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and enter our competition to win a copy of the book, *Knowing you, knowing me*.

Yiya ku: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ungenele ukhuphiswano lwethu ukuze uwine ikopi yencwadi ethi, *Yazi mna ndazi wena*.

Connect with your child  
Nxibelelana nomntwana wakho



It starts with a story...



Katherine Muick. © ST



Bella

## Story stars

Every second week in Beacon Bay, East London, the Sinempumelo Reading Club meets. This club was started in April 2011 so it's just over a year old now! Khanyisile Ngalo, who has been involved from the beginning, talks about the club and reflects on what it has meant to him.

### What is your role at the reading club?

I do all the organising like making sure everyone knows when we will be meeting, arranging transport for the volunteers and communicating with the school where we meet. I've always been involved in facilitating some activities at the club and I still do that.

### Why do you do it?

Being involved in this reading club is one of the most fulfilling things in my life. It is such a joyful experience to read to someone – it moves me to see the words jump off the pages of a book! But also, it is one way of addressing the crisis in education in our country.

### What have you learnt from being involved in the reading club?

I have come to learn that stories are a powerful way of providing people with a mirror to look at the world. I have experienced the ways in which stories connect us all.

### What is the biggest challenge when it comes to running a reading club?

When we have too many children at a session! If there are too many children, it's frustrating because you don't get enough time to interact personally with each child, which is very important.

### What languages do you use at your reading club?

isiXhosa and English. One Saturday we use mainly isiXhosa and then the next time we meet we use mainly English.

### If your reading club could send one message to South Africa about reading for enjoyment, what would it be?

Reading will open your mind and open doors for you in the future. It will also give you a better understanding of different cultures and a greater insight into human nature. But the main reason you should read, is simply because it is fun!

To read more from Khanyisile Ngalo go to the Story Stars section on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). If you know of a reading club, parent, caregiver or organisation working hard to root reading and writing into children's daily lives, tell us about them at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and we could feature them here!

## "It's in your hands!"

The world celebrates Mandela Day on 18 July each year. On this day you are asked to give 67 minutes of your time to make the world a better place. In 2012, why not do this by telling or reading stories at a nearby library, school or community centre? Or choose 67 stories to read or tell children before Mandela Day in 2013. You can make a difference in a child's life today... It starts with a story!

## "Isezandleni zakho!"

Ihlabathi libhiyozela uSuku lukaMandela ngowe-18 kweyeKhala, uJulayi rhoqo ngonyaka. Uyacelwa ukuba unikezele ngemizuzu engama-67 yexesha lakho ngolu suku wenze ihlabathi libe yindawo engcono. Kulo wama-2012 kutheni ungakwenzi oku ngokubalisa okanye ngokufunda ibali kwithala leencwadi elikufutshane nawe, kwisikolo okanye kwiziko loluntu? Ukuba akunako ukukwenza oku, khetha amabali angama-67 onokuwafundela okanye onokuwabalise abantwana ngaphambi koSuku lukaMandela lowama-2013. Ungenza umahluko kubomi bomntwana namhlanje... Konke kuqala ngebali!

## Iimbilasane zamabali

Iqela eliFundayo iSinempumelo laseBeacon Bay e-East London lihlalanga rhoqo kwiveki yesibini. Eli qela laqaliswa kwinyanga kaTshazimpuzi, u-Epreli ngowama-2011, ngako oko lisandula kugqiba unyaka likhona! UKhanyisile Ngalo, obeyinxalenye yalo susela oko laqalayo, usibalise ngeli qela nangentsingiselo yalo kuye.

### Yintoni indima yakho kweli qela lifundayo?

Ndenza konke okuyimisebenzi yoququzelelo, izinto ezifana nokuqinisekisa ukuba wonke umntu uyazi apho siza kuhlalanga khona, ukwenza

amalungiselelo okuhanjiswa kwamavolontiya nokuqhakamshelana nesikolo esiza kudibanela kuso. Sele ndinethuba ndisenza imisebenzi yoququzelelo kweli qela kwaye ndisathe gqolo ukwenza oko.

### Ukwenzelani oku?

Ukuthatha inxaxheba kweli qela yenye yezinto ezibalulekileyo ebomini bam. Lulonwabo olungummangaliso ukufundela omnye umntu ibali – kundenza ndive ngathi amagama ayaziphumela nje kumaphepha encwadi! Kodwa kwangaxeshanye, kukwayenye yeendlela zokuhlangabezana nentlekele ekwezemfundo kweli lizwe lethu.

### Ufunde ntoni ngokuthatha inxaxheba kwiqela elifundayo?

Ndifunde ukuba amabali yindlela enamandla yokwenza abantu babone ilizwe. Ndifunde okuninzi ngendlela amabali anxulumana ngayo nathi.

### Ngowuphi owona mngeni uphambili ukuqhuba iqela elifundayo?

Kuxa sinabantwana abaninzi kwilixa elithile lonyaka! Kuyabhidisa xa abantwana bebaninzi ngokugqithisileyo ngoba awufumani xesha laneleyo lokuthathela ingqalelo umntwana ngamnye, nto leyo ibalulekileyo.

### Zeziphi iilwimi ozisebenzisayo kwiqela lakho elifundayo?

SisiXhosa nesiNgesi. Komnye uMgqibelo sesisebenzisa isiXhosa ze kolandelayo sisebenzise isiNgesi.

### Xa kunoze kuthiwe iqela lakho elifundayo malenze umyalezo kubemi boMzantsi Afrika malunga nokufundela ukuzonwabisa ungathini?

Ukufunda kuvula ingqondo kwaye kukuvulela amasango engomso. Kukwakunika ulwazi olungcono ngeenkubeko ezahlukeneyo nokwazi banzi ngendalo yomntu. Kodwa esona sizathu ubani amakufundele sona kukuzonwabisa!

Ukufunda banzi ngoKhanyisile Ngalo yiya kwicandelo leeMbalasane zamaBali kule webhusayithi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) Ukuba kukho iqela elifundayo olaziyo, umzali, umnakekeli okanye umbutho osebena nzima ukumilisele iingcambu zokufunda nokubhala kubomi babantwana bemihla-ngemihla, sixelele kule webhusayithi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) mhlawumbi singabonisa ngomsebenzi wabo apha!



The Sinempumelo Reading Club

## Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



## Get story active!

All children get sick sometimes and many young children have to deal with being chronically or terminally ill. *The Little Hare* helps sick children understand that they are not alone and that someone will help ease their discomfort and fear. It reminds them that there are people who love and value them. The book also helps develop empathy for children who have chronic illnesses. After you and your children have read *The Little Hare*, try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- ★ Look at the pictures again with your children. Talk about what the little hare does in each of the pictures and how he feels.
- ★ Talk about what makes your children feel better when they are scared or not feeling well. Also share the things that help you to feel better.

### If you have 30 minutes...

- ★ Ask your children to remember a time when they were unwell and to write a story about this, or to draw a picture and write about it.
- ★ Look at the activities that make the hare feel better. Choose one of these to do with your children – draw pictures together, play one of their favourite games with them or sing some of their favourite songs together.

### If you have one hour...

- ★ Let your children use paper plates or other cardboard to create masks with a different expression on each side – for example, a happy face and a sad face. They can use the masks to retell or act out this story, or to act out their own stories. They could also display them on the fridge or a bedroom door to show how they feel during the course of a day.
- ★ Create hare ears with your children. Draw the shape of the ears on thin cardboard (like the kind used for cereal boxes) and then let your children cut them out and colour or paint them. Use an Alice band or hair grips to attach them to your child's head.



Here are two other stories that help children to deal with illness and death: *Remembering Mommy* (New Africa Books) which is available in all South African languages and *The Dead Bird* by Margaret Wise Brown (Harper Collins).

Nanga amanye amabali amabini anceda ukuba abantwana babenako ukumelana nezigulo nokufa: *Remembering Mommy* (New Africa Books) nelifumaneka ngazo zonke iilwimi zoMzantsi Afrika kwakunye nelithi *The Dead Bird* ngokubhalwa nguMargaret Wise Brown (Harper Collins).

### Say this rhyme together and make up the actions to go with the words!

A little brown rabbit popped out of the ground,  
Wiggled his whiskers and looked around.  
Another little rabbit who lived in the grass  
Popped his head out and watched him pass.  
Then both the little rabbits went hoppity hop,  
Hoppity, hoppity, hoppity, hop,  
'Til they came to a wall and had to stop.  
Then both the little rabbits turned themselves around,  
And ran off home to their holes in the ground.

## Yenza ibali linike umdla!

Abantwana bake bagule ngamanye amaxesha kwaye uninzi lwabancinci lujongene nezifo ezinganyangekiyo nokubandezeleka ngokwamalungu omzimba. Ibali *likaMvundlana* linceda abantwana abanezigulo baqonde ukuba ababodwanga kwaye bakhona abantu bokubanceda bazive bekhululekile kwaye bengenaloyiko. Libakhumbuza ukuba kukho abantu ababathandayo nababaxabisileyo. Le ncwadi ikwanceda ukudala uvelwano ngesimo sabantwana abanezigulo ezinganyangekiyo. Emva kokuba wena nabantwana nimfundile *uMvundlana*, zama oku kulandelayo.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- ★ Phinda ujonge imifanekiso nabantwana. Thetha ngezinto ezenziwa ngumvundlana kumfanekiso ngamnye nangendlela aziva ngayo.
- ★ Thetha nabantwana bakho malunga nezinto ezibenza bazive bengcono xa besoyika okanye bengaziva kamnandi.

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- ★ Cela abantwana bakho bacinge ngexesha apho bake baziva bengemmandanga, ubacele bakubhale phantsi oku okanye bazobe umfanekiso obonakalisa oko ze babhale ngawo.
- ★ Jonga imisebenze eye yenze umvundlana azive engcono. Khetha omnye wale misebenzi uwenze nabantwana – zobani imifanekiso kunye, dlalani omnye wemidlalo abayithandayo okanye nicule amanye wamaculo abawathandayo.

### Ukuba uneyure...

- ★ Vumela abantwana bakho basebenzise iipleyiti zephepha okanye amakhadibhothi ukwenza izogqumo zobuso (iimaski) ezibonisa iimvakalelo ezahlukeneyo kwicala ngalinye – umzekelo, ubuso bomntu owonwabileyo nobomntu okhathazekileyo. Basenokusebenzisa ezi zogqumo zobuso ukubalisa okanye ukulingisa ibali elo, okanye ukulingisa awabo amabali. Basenokuzinamathisela kwisikhenkcezisi okanye ecangweni legumbi lokulala ukubonisa indlela abaziva ngayo ngalo mini.
- ★ Yenza iindlebe zomvundla nabantwana bakho. Zobani imilo yazo kwikhadibhothana elingcekengceke (elifana nelo lokwenza ibhokisi yeekhrayoni) ze abantwana basike iindlebe zomvundla ezo bazifake umbala ngekhayoni okanye ngepeyinti yokuzoba. Sebenzisa isibopho serabha okanye isibopho seenwele ubophelele iindlebe ezo ezintflokweni zabantwana.

### Yenzani ezi vesi neentshukumo ezihambelana namazwi akuzo!

Kwavela umvundlana omncinane,  
Washukumisa amabhovu akhe, walaqa-laqa.  
Omnye umvundlana omncinane owayehlala engceni  
Waveza intlolo yakhe ze wambukela edlula.  
Yomibini imivundlana emincinane yahamba itaka-taka,  
Tancu, tancu, tancu, tancu,  
'De yafika eludongeni yema.  
Yajika yomibini imivundlana emincinane  
Yabaleka ukubuyela ezikhundleni zayo

## Win a mini-library worth R25 000!



Our wonderful sponsors have donated books so that we can give away five mini-libraries. If you live in the Western Cape, Eastern Cape, KwaZulu-Natal or Gauteng, you stand a chance of winning one of these mini-libraries for your reading club or school.\* SMS NALIBALI followed by your name, the name of your reading club or school, address and contact number to 32545. SMSs cost R1. Closing date: 31 July 2012

\* Terms and Conditions apply.

Go to [www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements) for more details.

## Wina ilayibhrari encinane exabisa ama-R25 000!

Abaxhasi bethu abamangalisayo basiphe iincwadi ukuze siphise ngeelayibhrari ezincinane ezintle. Ukuba ngaba uhlala eNtshona Koloni, eMpuma-Koloni, KwaZulu-Natal okanye eRhawutini, unethuba lokuwinela iqela lakho okanye isikolo sakho enye yezi layibhrari zincinane.\* Thumela i-SMS ethi NALIBALI ulandelize ngegama lakho, igama leqela lakho elifundayo okanye igama lesikolo sakho, idilesi kunye neenombolo zonxulumano kule nombolo 32545. Ii-SMS zibiza i-R1. Umhla wokuvalwa ngowama: 31 Julayi 2012

\* Kukhona imimiselo nemiqathango esetyenziswayo.

Yiya ku: [www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements) ukufumana inkcukacha ezithe vetshe.

CAMBRIDGE

OXFORD

PEARSON

NuMetro

## Story corner

Here is the first part of a story about perseverance for you to read aloud or tell.

### The running shoes (Part 1) by Marianna Brandt

Pauline was looking at the pictures of runners one morning. All she ever wanted was to be a runner. And she really, really wanted running shoes.

"Pauline, let's go to town," called Grandpa.

Pauline enjoyed going to town with Grandpa.

After they got off the bus, they went to see old Mr Mokono, the shoemaker. Pauline liked the smells of leather, shoe polish and glue in his shop. And there were many kinds of shoes waiting to be fetched by their owners. Pauline noticed a pair of running shoes on the counter. She moved closer and looked at them and then at her bare feet. They were the right size and with those thick springy soles she would be able to run anywhere. She wished she could have them. When it was her Grandpa's turn to be helped, Pauline pointed at the running shoes.

Mr Mokono smiled. "Let me tell you a secret: these running shoes belonged to *the Zola Budd*."

Pauline's mother had told her about this famous runner.

"Yes," Mr Mokono said, "She bought them and thought she'd like them. But then she decided to carry on running with no shoes. That's why I still have them. But I believe they're magic and they're just waiting for the right person."

Pauline couldn't keep her eyes off the running shoes. She really wanted them but knew that Grandpa could not afford them.

"Do you really, really want them?" asked Mr Mokono.

"Yes, I do," she said, "I want to be a runner."

"You do?" Mr Mokono said, "Well, then I have a plan. You can borrow them and if you win a race at sports day, you can keep them. Go and start training!"

Pauline couldn't believe her ears. She started training immediately. That evening Pauline put on the running shoes and ran to the top of the hill to show her granny. In the morning she ran to the shop and at sunset she ran to the bus stop to fetch her mother. Before school she ran ten times round the playground and after school she jogged with the soccer team. Each time she ran, she went a little further and a little faster.

**Do you think Pauline will win a race and get to keep the shoes? Find out next week.**



Illustration by Elizabeth Pulles  
Imifanekiso ngu-Elizabeth Pulles

## Ithuba lokubalisa

Nali icandelo lokuqala leballi elimalunga nonyamezelo, lufundele phezulu okanye ulibalise.

### Izihlangu zokubaleka (iCandelo loku-1) Ngokubhalwa nguMarianna Brandt

Ngantsasa ithile uPauline wayebuka imifanekiso yeembaleki. Wayenomnqweno wokuba yimbaleki ngenye imini. Kwaye wayezifuna nyhani izihlangu zokubaleka.

"Pauline, masiye edolophini" watsho uTatomkhulu.

UPauline wakonwabela ke ukuya edolophini noTatomkhulu.

Ukwehla kwabo ebhasini, baya kuMnu Mokono, umkhandi wezihlangu. UPauline wawathanda amavumba ohlukeneyo esikhumba, awepolishi yezihlangu naweglu. Kwakukho izihlangu ezininzi ezazilinde ukuza kulandwa ngabaninizo. UPauline wabona izihlangu zokubaleka ziphezu kwetafile yokuthengela. Wasondela kuzo, waziqwalasela wajonga neenyawo zakhe ezingena zihlangu. Zaziqwalasela yakhe ngqo kwaye ngaloo soli yazo ityebileyo neyayibambe buspringi zazinokumenza abaleke naphi na. Wayezinqwenela kakhulu ezi zihlangu. Kwathi xa kufika ixesha lokuba kuncedwe uTatomkhulu, uPauline wakhomba kwizihlangu zokubaleka.

UMnu Mokono wancuma. "Yithi ndikuxelele imfihlelo: ezi zihlangu yayizezikaZola Budd."

Umama kaPauline wake wamxelela ngale mbaleki yaziwayo.

"Ewe," watsho uMnu Mokono. "Wazithenga ecinga ukuba uza kuzithanda. Kodwa kamva wazikhethela ukuqhuba nokubaleka ngaphandle kwezihlangu. Nam ke ndazifumana ngolo hlobo. Kodwa ndikholelwa ukuba zingumlingo kwaye zilinde umntu ezinokuthi zimlingane twatse."

UPauline wayengakwazi ukuwasusa amehlo akhe kwezo zihlangu zokubaleka. Wayezinqwenela nyhani kodwa wayesazi ukuba uTatomkhulu wakhe akanokwazi ukufikelela kwixabiso lazo.

"Uyazifuna ngenene?" wabuza uMnu Mokono.

"Ewe, ndiyazifuna," watsho, "Ndifuna ukuba yimbaleki."

"Ngenene?" wabuza uMnu Mokono, "Ukuba kunjalo ke ndinecebo. Ndingakuboleka, ukuba uthe waluphumelela ugqatso ngomhla wemidlalo esikolweni, ndingakunika zisese zibe zezakho. Hamba uyo kuqalisa ukuzilolonga!"

Akazange azikholelwe iindlebe zakhe uPauline. Waqalisa nokuzilolonga ngoko-nangoko. Ngalo njika-langa uPauline wanxiba izihlangu zakhe zokubaleka ze wabaleka wanyuka induli ukuya kubonisa uMkhulu wakhe. Ngentsasa elandelayo wabaleka nenja ukuya evenkileni, ze ekutshoneni kwelanga wabaleka waya kuphuthuma umama wakhe esitophini sebhasi. Ngaphambi kokungena kwesikolo wabaleka imijikelo elishumi ejikeleza ibala lemidlalo ze ukuphuma kwesikolo wazilolonga ngokubaleka neqela lebhola ekhatywayo. Rhoqo ke ebaleka wayethatha umgama ongaphezulu kwelixa elidlulileyo nesantya sakhe sisanda ngokwanda.

**Ngaba ucinga ukuba uPauline uza kuluphumelela ugqatso ze izihlangu zokubaleka ibe zezakhe? Zifundele kwiveki elandelayo.**

### In your next Nal'ibali supplement:

- Ideas for running a reading club
- Photos from our launch events in June
- Mini-book *Something to do*
- The final part of the story, *The running shoes*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibali](http://www.facebook.com/nalibali) or [www.facebook.com/nalibalireadingclubs](http://www.facebook.com/nalibalireadingclubs)

**Which is your favourite part of the supplement? Tell us on Twitter using the hashtag #nalibali**  
**Loluphi olona papasho uluthandileyo? Sixelele kuTwitter ngokusebenzisa i-hashtag #nalibali**

### Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- lingcebiso ngokuqhuba iqela elifundayo
- lifoto zophehlelelo lwethu kweyeSilimela
- Into yokwenza ngencwadana encinane
- Icandelo lokugqibela leballi elithi *Izihlangu zokubaleka*

Kunzima ukulinda iveki ezayo ukuze ufumane ezinye iingcebiso zokufunda namabali, izixhobo neenkuthazo? Ndwendwela kule webhusayithi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) sifumane nakuFacebook: [www.facebook.com/nalibali](http://www.facebook.com/nalibali) okanye [www.facebook.com/nalibalireadingclubs](http://www.facebook.com/nalibalireadingclubs)



This material was developed and produced by an intersectoral team working with UNICEF in co-operation with the South African Government and co-ordinated by PRAESA.

Le mathiriyeli isungulwe ze yaveliswa liqela elisebenza neUNICEF ngentsebenziswano noRhulumente woMzantsi Afrika ze yaququzelelwa yiPRAESA.



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



INal'ibali liphulo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

# Umvundlana




## The little hare

Illustrated by Alzette Prins


There was once a little hare who wasn't feeling very good.



Kudala-dala kwaye kukho umvundlana owayengaziva mnandi.



He was tired all the time – just as tired as you feel when you have been digging in the sand all day.



Wayesoloko ediniwe ngalo lonke ixesha - edinwe kanye njengendlela oye uzive ngayo xa ubugrumba intlabathi imini yonke.

His eyes were very sore – just as sore as your eyes feel when they have some dust in them.



Amehlo akhe ayebuhlungu – ebuhlungu kanye njengendlela amehlo akho aba buhlungu ngayo xa engenwe luthuli.

He was very scared – just as scared as you feel when you are lost.



Wayesoyika kakhulu – esoyika kanye njengendlela owoyika ngayo xa ulahlekile.

He was very sad – just as sad as you feel when no-one wants to play with you.



Wayelusizi kakhulu – elusizi kanye njengendlela oba lusizi ngayo xa kungekho mntu ufuna ukudlala nawe.

The little hare's sister asked, "What can I do to help you feel better?"  
The little hare replied, "Let's draw a picture."

And so they did.



Udade bomvundlana wabuza, "Ndingenza ntoni ukukunceda azive ngcono?"  
Umvundlana omncinci waphendula wathi, "Masizobe umfanekiso."  
Inene, benza kanye oko.

That made the little hare feel a bit better.



Oku kwamenza umvundlana ukuba azive ngcono.

The little hare's grandpa asked, "How can I help you to feel better?"  
The little hare replied, "Let's play a game."  
And so they did.



Utatomkhulu womvundlana wabuza,  
"Ndingeza ntoni ukukunceda ube ngcono?"  
Umvundlana waphendula wathi, "Masidlale."  
Inene, benza kanye oko.

That made the little hare feel even better.



Oku kwamenza umvundlana azive ngcono  
nangakumbi.

The little hare's mother gave him a hug.  
She asked him, "How can I help you to  
feel better?"

The little hare replied, "Let me sit on  
your lap and sing a song."

And so he did.



Umama wakhe umvundlana wamanga.

Wabuza wathi, "Ndingenza ntoni  
ukukunceda ube ngcono?"

Umvundlana omncinci waphendula  
wathi, "Ndicela ukusingatha kuwe, ze  
ndikuculele ingoma."

Inene, wenza njalo.



And that made the little hare feel best  
of all!



Oku kwamenza umvundlana azive  
ngcono kakhulu!

*"I'm special," he sang,  
"And I know you will always care.  
I'll never be alone  
Because you love me."*



*"Ndiziva ndikhethekile," wacula,  
"Kwaye ndiyazi ukuba niya kusoloko  
nikhathala ngam.  
Andisokuze ndibe lilolo  
Kuba niyandithanda."*